



I-Tramadol iza kongezwa kuLudwe Lwezinto Ezalelweyo Zomthetho Wehlabathi Lonke Onxamnye Neziyobisi Ka-2024

Uludwe Lwezinto Ezalelweyo uza kuqalisa ukusebenza nge-1st kaJanuwari 2024

YINTONI ODINGA UKUYAZI?

I-Tramadol sisibulali zintlungu esinamandla esisetyenziselwa ukunyanga intlungu ephakathi ukuya kweyona iphezulu (njengasemva komonzakalo okanye utyando). Luhlobo lweyeza olubizwa ngokuba yi-opiate, okanye i-narcotic, kwaye liza njengepilisi, iikhepsyuli, kunye namathontsi angamanzi. Ugqirha wakho nokukubhalela ukuba unikwe i-Tramadolo ukuba unentlungu yexesha elide, kwaye ukuba izibulali zintlungu ezinamandla amancinci azincedi. Ifumaneka kuphela xa uyibhalelwe ngugqirha.

1. Umngcipheko Wokophula Umthetho

Ukuba uyavavanywa “Ebudeni Bokhuphiswano” kwaza kwafunyanwa i-Tramadol, oku kungaphumela ekubeni ube waPhule Umthetho Onxamnye Neziyobisi (kwanaxa ubuyisebenzise “Ungekabikho Kukhuphiswano”).

2. Ukuyeka Ukusebenzisa i-Tramadol

Ukuba ngoku sithethayo usebenzisa i-Tramadol, ufanele uqalise ukuthatha amanyathelo okuyiyeka ngendlela ekhuselekileyo, kwaye ukwenze oko ngokukhawuleza kangangoko kunokwenzeka.

3. Iingxaki Zokuxhomekeka okanye Zokukhotyokiswa

Ukuba unexhala lokuxhomekeka okanye lokukhotyokiswa yi-Tramadol, ufanele uthethe nogqirha wegela lakho akucebise. Ukuba akunaye ugqirha wegela, ufanele uqhagamshelane ne-Gosa Lezamayeza Eliyintloko LoMbuthe wenu. Kungenjalo ungathetha bucala noMbuthe we-International Rugby Players okanye uMbuthe Welizwe Lakho kwaye baza kukukhombisa indlela yonyango okanye isicombululo esifanelekileyo.

Ungafumana inkcazelo engakumbi nokubandakanywa kwe-Tramadol kuLuhlu Olungavumelekanga lwe-2024 [apha](#)

KHUMBULA UKUSOLOKO UHLOLA UKUBA AMAYEZA AKHO AWANALO NA ICHIZA ELINGAVUMELEKANGA